Isalathiso: 20180718-4359
Inombolo yefayili 13/2/2/2/25
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0009/2018

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Amaxesha amisiweyo okumakisha nolawulo lokubhalwa koMsebenzi woVavanyo ofanayo (*Common Assessment Task)* wokuxabangela kwiSifundo soLwazi ngezoBomi*(Life Orientation (LO))*kwiBakala 12 ngo-2018

1. UMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo(*Common Assessment Task (CAT))* weSifundo soLwazi ngezoBomi (*LO*) uya kubhalwa nge-03 Septemba 2018 ngokweNgcaciso eMfutshane yeCandelo loVavanyo 0008/2018.

2. **Iingxoxo ngesikhokelo sokumakishwa kwe-*CAT* ye-*LO***

2.1 Iintlanganiso zeengxoxo ngesikhokelo sokumakisha zezithili ziya kuqhubeka ukususela ngowe-11 ukuya kowe-13 Septemba 2018. Izikolo ziya kufumana isikhokelo sokumakisha sokugqibela kwintlanganiso yeengxoxo zesikhokelo sokumakisha yesithili.

2.2 Kunyanzekile ukuba ibe ngutitshala weSifundo soLwazi ngezoBomi *(LO*) omnye kwisikolo ngasinye ubuncinane omakabekho kwiintlanganiso zeengxoxo ngesikhokelo sokumakisha.

2.3 Iincwadi zeempendulo zinokukhutshwa kwigumbi elinqatyisiweyo kuphela emva kokugqitywa kwentlanganiso zesikhokelo sokumakisha zesithili.

3. **Ukumakishwa nokumodareyithwa kwangaphakathi kwe-*CAT* ye-*LO***

3.1 Ukumakishwa kwe-*CAT* ye-*LO* makuqhutyelwe esikolweni phantsi kweliso lenqununu notitshala oneqhuzu okanye nentloko yesifundo ebambele njengemodareyitha yangaphakathi.

3.2 Inkqubo yokumakisha ezikolweni iqala nge-14 Septemba 2018 yaye mayigqitywe ungadlulanga owe-21 Septemba2018.

3.3 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa i-*LO* esikolweni, iinqununu zimele ukuqinisekisa ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi ababafundisayo.

3.4 Ubuncinane ziipesenti ezilishumi zeencwadi zeempendulo ezimakishiweyo emazi modareyithwe ngutitshala oneqhuzu okanye yintloko yesifundo.

4. **Ukumodareyithwa kweempendulo zabafundi kwiphondo nakwisithili**

4.1 UMcebisi weSifundo se-*LO* makamodareyithe isampula yeencwadi zeempendulo kwizikolo ezikhethiweyo. Oku kumodareyithwa kuya kuqhubeka ukususela nge-25 ukuya kwi-28 Septemba 2018.

4.2 Ukumodareyithwa kwe-*CAT* ye-*LO* kwiphondo kuya kuqhutywa ukususela kwi-01 ukuya kwi-03 Oktobha 2018.

5. **Abafundi abangekhoyoesikolweni ngowe-03 Septemba 2018**

5.1 Makugcinwe irekhodi echanekileyo yabo bonke abafundi abangayibhaliyo i-*CAT* ye-*LO* ngowe-03 Septemba 2018.

5.2 Abafundi abangayibhaliyo i-*CAT* ye-*LO* nge-03 Septemba 2018 ngenxa yesizathu esiphathekayo, baya kuvunyelwa ukuba bayibhale i-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela ecwangciselwe ukubhalwa ngowe-**10 Oktobha 2018** ukususela ngo-09:00 ukuya ku-11:00.

5.3 Kule meko, kubandakanywa oku kulandelayo "njengezizathu eziphathekayo":

(a) **ukugula,** okuxhaswa sisatifikethi sokugula esisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medicalpractitioner*);

(b) **izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu** ezibandakanya ukusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumfundi ezixhaswa yikopi yesatifikethi sokusweleka**;**

(c) umfundi **oya kuvela enkundleni yamatyala**, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo;

(d) **nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni** yintloko yequmrhu lovavanyo okanye ngummeli wayo**.**

5.4 Ubungqina obungamaxwebhu aphathelele kuzo naziphi na izizathu ezisemthethweni kwezi zingentla makagcinwe efayilini esikolweni yaye makenziwe afumaneke kwaNdlunkulu okanye kwisithili xa eceliwe.

6. **Ukulawulwa kokubhalwa kwe-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela**

6.1 Ziyacelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okuqhutywa kolu vavanyo yaye maziqinisekise ukuba izikolo zazo ziyayithobela yonke imiqathango nemigaqo emalunga neemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(National Senior Certificate (NSC))*.

6.2 Amaphepha emibuzo e-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela aya kunikwa kuphela izikolo ezibaxelileyo abafundi abangekhoyo nge-03 Septemba 2018. Amaphepha emibuzo okuxabangela aya kunikwa izikolo phambi okanye ngowe-10 Oktobha 2018.

6.3 Nayiphi na imibuzo emalunga nokubhalwa kwe-*CAT* ye-*LO* mayibheksiwe ku-Mnu Christiaan Klopper nge-imeyili apha: Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za okanye ngefoni apha021 467 2407.

6.4 Ii-ofisi zezithili ziya kuzinika izikolo isikhokelo sokumakisha se-*CAT*ye-*LO* yokuxabangela. Ii-ofisi zesithili nazo ziya kuqinisekisa nokuba ukumakishwa kwephepha lokuxabangela kumodareyithwa ngaphakathi ezikolweni kwakunye nangaphandle yi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

6.5 Abafundi abangayibhaliyo i-*CAT* ye-*LO* okanye i-*CAT* ye-*LO* yokuxabangela ngo-2018 baya kufumana iziphumo ezingaphelelanga kwiSifundo se-*Life Orientation (LO)*.Aba bafundi kuya kufuneka basiphinde isifundo, kuqukwa ne-*School-based Assessment(SBA))* ne-*CAT*ye-*LO*.

7. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beBaKala 12 beSifundo se*Life Orientation* ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2018-08-31